Isifundo 6

**Julayi 31–Agasti 6*

Ukufumana Uphumlo Ekubambaneni Kosapho



Sabatha Emva kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki: *Genesis 34; Heb. 11:17–22; Dut. 4:29; 1 Yohane 3:1, 2; Genesis 39; Efese 6:1–13.*

Indima Yenkumbulo: "Nina ngoko, zintanda, nizazi nje ngenxa engaphambili ezo zinto, zigcineni okwenu, ukuze ningathi, nikhukuliswe lulahlekiso lwabangenammiselo, niphalale kokukokwenu ukuqina. Khulani ke elubabalweni nasekuyazini iNkosi yethu, uMsindisi uYesu Kristu. Kuye malubekho uzuko nangoku, kuse nakwimini engunaphakade. Amen" *(2 Petros 3:17, 18)***.**

Indodana yakhangelisisa kakuhle apho uphela khona umhlaba. Ekugqibeleni yababona. Kwakuse kuzintsuku ikhangela abantakwayo. Yathi xa ifika, iphakamisa izandla ikhwaza ibulisa kwiqela elibuso bungwanyalala, ayamkeleka ngokushushu. *Bona kanye abantakwayo, babefuna ukuyibulala.* Ukuba uRhuben wayengekho, ngekungekho kwabali elo lokubaliswa. URhuben waboyisela abantakwabo ukuba bamphathaphathe nje baze bamphose emhadini ongenamanzi. Kamva, uYuda weza necebo elihle lokumsusa nokuze bazuze nemalana, ngokuyithengisa le ndodana kubathengi bamakhoboka ababedlula apho.

Umzekelo ocacileyo wosapho oluyimpasalala!

Sifika apho kufuneka sikhethe izinto ezininzi ebomini, kodwa kungabi lusapho lwethu. Akukho noyedwa ogqibeleleyo, kwaye engekho nomnye kuthi onosapho olugqibeleleyo nolwalamano olugqibelele ngokupheleleyo. Abanye bethu basikelelwe ngabazali, abantwana esizalwa nabo, kwakunye namanye amalungu osapho bonke abalubonakalalisayo uthando lukaThixo, kodwa abaninzi kufuneka baneliswe kokungaphantsi kokufanelekileyo. Ubudlelane ezintsatsheni kukholisa ukuba yinto enzima nebuhlungu, into eshiya ukungonwabi, ukulimala [emoyeni], nokuthwala imfumba yemithwalo weemvakalelo ezibuhlungu, esiye sithi, ukusuka apho, siyithulele kwabanye.

Singakufumana njani ukuphumla kukaThixo kwezi ndawo zinje ebomini bethu? Kule veki siza kujonga kwibali likaYosefu namaqhina osapho lwakowabo ukuze simbukele uThixo esebenza ezisa impiliso nophumlo lwemvakalelo sekukho ubuntlakantlaka obunjalo kulwalamano losapho.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 7.*

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 44 2021/06/14 12:26

Iintanda Ekhaya

UYosefu wayesazi ngeentsapho ezineentanda. Kwakuse kuqale ngooyise-mkhulu bakhe, uAbraham noSara. Wathi uSara akuqonda ukuba akazali, woyisela uAbrahama ukuba angene isicaka sakhe uHagare. Ngako nje ukuba uHagare akhulelwe, baqala ubutshaba. Ekhulela kwimeko enjalo, uIshmayeli noIsake bazisa ezo ngxabano kwezabo iintsapho. UIsake waqinisekisa ukuba uyamthanda uEsawu, waza uYakobi wabuchitha ubomi bakhe ezama ukwenza ukuba athandwe axatyiswe nguyise. Ekuhambeni kwexesha, uYakobi waya waqhathwa ukuba atshate iintombi zomntu omnye ezimbini ezaya azavana zaza zakugqatso lokufumana abantwana, kangangokuba zide zifake nezicakazana zazo ukuba zizalele uYakobi abantwana.

Funda Kwakhona ingcombolo yesiganeko esikuGenesis 34. Luhlobo luni lwegalelo kwimvakalelo nolwalamano olunokuziswa kuko konke oku kwenzekayo kusapho lonke nakumfana uYosefu?

_____

Ubutshaba phakathi koomama ngokucacileyo kwaphuphumela ebantwaneni, abakhula bekulungele ukulwa. Bathi bengamadodana akhulileyo, abantakwabo Yosefu babulala onke amadoda esixeko iShekem. Oyena mdala uRubhen wabonakalalisa ukugunya nokudelela kwixhego uyise ngokulala noBhiliha, isicaka sikaRakeli nesasingumama wabantwana abaliqela bakaYakobi [uyise] *(Gen. 35:22)*. Kwangelo xesha linye, umkhuluwa kaYosefu uYuda, wacinga ukuba umolokazana wakhe ongumhlolokazi lelinye nje lamahenyukazi, walala naye, bazala amawele *(Genesis 38)*.

UYakobi wawuvuthisa ngakumbi umlilo ngokusuka amenze uYosefu intandane yakhe ekubonisa ngokuphandle oko ngokumnika ingubo yexabiso elikhulu emabalabala. *(Gen. 37:3)*. Ukuba kwakha kwakho usapho oluntlakantlaka, olu lweli nyange ngelwaphuma phambili kugqatso.

Ucinga ukuba kunokuba kutheni le nto uAbraham, uIsake, noYakobi befakwe kuluhlu lwamagorha okholo kumaHebhere 11:17–22 ube ubona ubudlakadlaka kulwalamano lweentsapho zabo?

_____

_____

Amaqhawe okholo kaThixo akholisa ukuwa nganeno koko wona akulindeleyo, kanti nakoko uThixo akulindeleyo. La madoda awafakwanga kumaHebhere 11 ngenxa yobudlakadlaka bolwalamano kwiintsapho zawo kodwa ngoku sezinjalo. Afunda—kakhulu ngendlela enzima—ngokholo, uthando, nokuthembela kuThixo ngexesha ayebambene esilwa nemiba yezi ntsapho.

Linjani ilifa leentanda olizuzileyo kusapho lwakho? Ukuzinikela eNkosini nakwiindlela zayo kungakunceda njani ukuba uphuncuke kulo mzekelo, oku kwasemva koku?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 45 2021/06/14 12:26

Ukukhetha Indlela Entsha

UYosefu wathwala intlungu, ulwalamano oluxakileyo, nexhala ngexesha esiya eYiputa, apho wayeza kuthengiswa abe likhoboka. Olu yayingelulo uhambo olunolonwabo njengoko wayebambana neenyembezi apha endleleni.

"Ngelo xesha, uYosefu nabathimbi bakhe babesendleleni esinga eYiputa. Wathi xa umkrozo weenkamela usihla usiya ngakwimida yeKanan, le ntwana yazikhangela kude iinduli apho zazikho iintente zikayise. Yatsho ngesikrakra isikhalo yakucinga ngoyise oyithandayo ohleli yedwa enentlungu. Wabuya kwakhona umbono waseDothan. Wababona abantakwabo abanomsindo wakuva emzimbeni ukumgxelesha kwabo okoyikekayo. Amazwi ahlabayo okumgculela awahlangana nezicengo zakhe ezibuhlungu ayenkenteza ezindlebeni zakhe. Wathi, ngentliziyo enoloyiko, wakhangela phambili kwixesha elizayo. Athi ukutshintsha kwemeko-ukusuka kunyana othandwayo kakhulu ukuya ekubeni likhoboka elidelekileyo elingenako ukuzinceda! Eyedwa engenamhlobo, kwakuza kuba yintoni kuye ezweni lasemzini awayesiya kulo? Kwamthabatha ixesha uYosefu enentlungu noloyiko olungalawulekiyo. . . .

"Ngelo xesha iingcinga zakhe zabuyela kuThixo kayise. Ebuntwaneni bakhe wayefundiswe ukumthanda nokumoyika. Rhoqo kwintente kayise, wayekholisa ukuphulaphula ibali lombono owabonwa nguYakobi xa wayebaleka kwikhaya lakhe esiya elubhacweni nokuba sisibhadubhadu. . . . . Ngoku, zonke ezi zifundo zixabisekileyo zathi thaa phambi kwakhe. UYosefu wakholwa ukuba uThixo wooyise uya kuba nguThixo wakhe. Wazinikela kwangoko ngokupheleleyo kuYehova, wathandaza ukuba uMgcini kaIsrayeli abe naye ezweni lokugxothelwa kwakhe."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, amaph. 213, 214 (ugxininiso lolombhali wesifundo).

Ezinye iinkcubeko zicinezela indawo yoluntu ngaphezu kweyomntu, lo gama ezinye zikekelele ekucinezeleni indawo yomntu endaweni yoluntu. Nangona sifumana uzinzo kwezi ziBhalo zibini, lukho ubizo olucacileyo oluza emntwini ngokwakhe kanti nangokuhlangana ukuba kubekho ukuzinikela kuThixo. UYosefu uqala ukufumana ukuphumla kulwalamano lwakhe ngokwenza isigqibo sakhe ngokwakhe sokulandela uThixo..

Zisifundisa ntoni ezi ndima zilandelayo ngokuzinikela ubuqu? *(Dut. 4:29, Yosh. 24:15, 1 IziKron. 16:11, INd. 14:2, Imizekeliso 8:10, Isa. 55:6)***.**

_____

_____

Ukufumana ukuphumla, umntu ngamnye kufuneka enze esakhe isigqibo sokulandela uThixo. Nokuba ababe ngaphambili bethu babe ngamagorha ngokwasemoyeni, olu kholo nokuba semoyeni akudluliselwa ebantwaneni ngemfuzo. Khumbula oku, uThixo unabantwana kuphela, akanabo abazukulwana.

Yintoni ebalulekileyo ngokuthi yonke imihla, yonke imizuzu yemini nganye, ukhethe ukuzinikela kuThixo? Kwenzeka ntoni xa ungakwenzi oko?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 46 2021/06/14 12:26

Ukufumana Ukuzixabisa Kwenene

Nokuba uYosefu wayeneqikili lokusinda afumane indlela yokubuyela ekhaya, kwachitheka konke oko akufika eYiputa, apho wathengiswa ngokutsha kwikhaya elaziwayo. UGenesis 39:1 usixelela ukuba "uPotifare, umbusi wakwaFaro, umthetheli wabasiki, wamthenga kumaIshmayeli." Ngokukhawuleza, umfana waphoswa kulwimi olutsha nenkcubeko entsha.

Iintsapho zethu nezalamane ezisondeleyo zibaluleke ngokukodwa ekuphuhliseni ukuxabiseka kwethu. UYosefu wayekhule ezicingela ukuba ungumntu othile—unyana omkhulu woyena mfazi uthandwa kakhulu *(Gen. 29:18)*. Ngokuqinisekileyo wayeyintandane kayise ikuphela kwakhe owanikwa ingubo entle emabalabala *(Gen. 37:3, 4)*.

Ungubani phofu ngoku? Likhoboka, umntu wokuthengwa athengiswe ngokuthanda. Khangela indlela eguquke ngayo ngokukhawuleza yonke imeko yakhe. Khangela indlela obungathi bukhawuleze bamjikela ngayo ubomi bakhe.

Ngokwenene, uYosefu ufunda isifundo esimele ukuba sonke sisifunde. Ukuba sixhomekeke kwabanye ukuba basixelele ukuba liyintoni ixabiso lethu, inene siya kuphoxeka sidideke ngendlela embi kunene, kuba asingumntu wonke oza kuyincoma into esiyiyo okanye ubunjani bethu. Endaweni yoko, sidinga ukufumana ixabiso lethu koko uThixo akucingayo ngathi—indlela uThixo asibona ngayo—kungekuko kwiindawo esikuzo ngoku.

UThixo usibona njani ngabanye ngabanye? *(Isa. 43:1; Mal. 3:17; Yohane 1:2; Yohane 15:15; Rom. 8:14; 1 Yohane 3:1, 2)***.**

_____

_____

UThixo umkhangela umntu ngamnye kuthi ngamehlo ahonjiswe ngobabalo. Ubona into esinokuba yiyo, ubuhle, nesakhono, izinto esingakwazi nokuzicinga. Ekugqibeleni, wayelungele nokusifela ukuze sizuze ithuba lokuba kuko konke esasidalelwe ukuba sibe kuko. Nangona esibonisa ukuba nesono kwethu nexabiso eliphezulu lokusihlangula kuso, uMnqamlezo nawo usibonisa ixabiso lethu elikhulu nokuxabiseka kuThixo. Nokuba abanye bacinga ntoni ngathi okanye nokuba thina sicinga ntoni ngathi, uThixo uyasithanda kwaye efuna ukusihlangula, kungekuphela kwigunya lezono ngoku kodwa nasekufeni okungunaphakade eziza nako.

Ngenxa yoku, umbuzo ophambili uhlala uhleli: Sisabela njani kubunyaniso bothando lukaThixo, njengoko lutyhiliwe kuYesu Kristu?

Maninzi amaqela nabantu abasixelela ukuba masizithande siyile nto siyiyo nokuba sizamkele singazigxeki. Kutheni le nto oku ikukuzikhohlisa? Kubaluleke ngantoni ukuba ixabiso lethu livele ngaphandle kwethu livela kuLowo wasenzayo nowazi oko sinokukwenza?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 47 2021/06/14 12:26

Ukwenza Ulwalamano Ngendlela KaThixo

Ekuqalekeni ibali likaYosefu eYiputa lijika libe lihle. uYosefu uzinikele kuThixo, waye uThixo emsikelela uYosefu, owathi wanyukela kumanqwanqwa awayengenakuze awaphuphe esendlwini kaPotifare.

Zeziphi iindlela eziphathekayo ezinokuthi iintsikelelo zikaThixo zibonakale ebomini bukaYosefu? Babunjani ubudlelane okanye ulwalamano lukaYosefu phakathi kwakhe nabanye abantu? Funda: Genesis 39:1–6.

Nangona uYosefu ebonakala ngokungathi uphethene kakuhle kakhulu noPotifare, baye ubudlelane phakathi kwakhe nabanye abasebenzi endlwini bungathi buhamba kakuhle—kukho inkathazo ethukuzayo. Kukho apha ekhaya othile ongonwabanga.

Yeyiphi ingxaki kulwalamano awayejongene nayo uYosefu? Ukhethe ukuba ayilawule njani? Funda: Genesis 39:7–10.

UYosefu unengxaki nenkosikazi kaPotifare. Mhlawumbi, masiyibeke ngolunye uhlobo: *inkosikazi kaPotifare inengxaki*. Ibakhangela abanye njenge"zinto" ezinokuphathwa nakanjani zisetyenziswe. Ufuna "ukumsebenzisa" uYosefu. UYosefu uchazwa njengowaye "emhle isiqu, emhle imbonakalo" *(Gen. 39:6)*. Kunqabile ukuba iBhayibhile ikhankanye iimpawu zabantu, kuba uThixo " 'akakhangeli njengokukhangela komntu; ngokuba umntu ukhangela umphandle, uYehova ukhangela intliziyo' " *(1 Sam. 16:7)*. Kule meko kaYosefu, ubuhle bembonakalo bubonakala busisithintelo esikhulu kunokuba bube luncedo ekuzameni kwakhe ubunyulu nokuthembeka kwimithetho-siseko kaThixo.

Sekukho oku kujikelwa ngulo mfazi ukhohlakeleyo, uYosefu wenza into ebonakala iveza ezinye iziqhamo. Usebenzisa imithetho-siseko yeBhayibhile kulo lonke ulwalamano—kule meko yenkosikazi kaPotifare. Imithetho-siseko yeBhayibhile engolwalamano ayiphelelwa lixesha, njengoko omnye (omele bonke abanye) okhe wathwaxwa ziziphumo zesono anokuthi angqine.

Inkcazo yeBhayibhile yalatha ukuba esi ayisiso isihendo esiza kube kanye. Inkosikazi kaPotifare yaphindaphinda ukumlandela *(Gen. 39:8, 9)* kodwa oku akubonakali ukuba kwasebenza.

UYosefu waqonda ukuba akanako ukulawula ukukhetha kwabanye. Wagqiba, kunjalo, ukuba aphile, athande, abaphathe abo bamngqongileyo ngendlela eya kuthi izukise uThixo. UYosefu ufunde ukuphila phambi kukaThixo. Olu lwazi lwamnceda ukuba amelane nesihendo.

Ingaba sowakha wazama ukuyiphila imithetho-siseko yeBhayibhile kulo lonke ulwalamano lwakho, nalapho omnye umntu "engakuphathi kakuhle"? Kwakusebenzela njani oko? Funda: Mateyu 5:43–48. Kutheni le nto kubalulekile ukuphila ngolu hlobo?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 48 2021/06/14 12:26

Imbambano Enkulu, Esondele Elugageni

Njengoko sisazi ekufundeni ibali *(Gen. 39:11–20)*, uYosefu uphateke kabuhlungu ngenxa yesigqibo sokuma kumthetho-siseko. UYosefu waphoswa entolongweni. Njengokuba engokamama uPotifare, uYosefu wayengabulawa kwangoko, kungaxoxwanga nto. Kuyacaca ukuba uPotifare akazange ayikholelwe inkosikazi yakhe kodwa kwafuneka agcine elakhe igama ngokuthabatha eli nyathelo. Kanti ke, zikho zinjalo iziphumo ezibi, isiBhalo sithi, uYehova ubenoYosefu" *(Gen. 39:21)*.

Ubomi kule planeti umhlaba abunabubele. Okulungileyo akukholisi ngokuvuzwa, kanti nenkohlakalo ayikholisi ukuzuza isohlwayo kwangoko. Zikho ke kodwa iindaba ezilungileyo: UYosefu unako ukufumana ukuphumla nasentolongweni, kuba uThixo unaye. Entolongweni wayenako ukucamngca ngenkohlakalo yemeko yakhe, arhoxe, ade amncame uThixo.

Wenza ntoni uYosefu asentolongweni? Wayehlelisene njani nabo babe kunye naye? Funda: Genesis 39:21–40:22.

_____

_____

Entolongweni, uYosefu ujongene nemeko njengoko injalo hayi njengoko ibimele ukuba njalo. Uyabelana nabanye; uyabanceda abanye, nangona ulwalamano entolongweni lukude kakhulu kokufanelekileyo awayenokukunqwenela. Kanti ke uYosefu akangaphezulu kokuba acele uncedo nto leyo yayinokumenza abe lixhoba. Ucela uncedo kumngcamli xa echaza iphupha lakhe.

Uthini umfanekiso omkhulu opheleleyo wobudlelane okanye ulwalamano awunikayo uPawulos kwabaseEfese 6:1–13?

_____

Ulwalamano lwethu luzizibonakalaliso ezincinane zembambano enkulu ephakathi kukaThixo noSathana egqubayo kumaphakade wonke. Oku kuthetha ukuba, ke ngoko, *alukho ulwalamano olugqibeleleyo* okanye *olufezekileyo*. Lonke ulwalamano kufuneka lube neempawu zokukhula, kwaye uSathana unomdla omkhulu ekusebenziseni lonke ulwalamano—ngakumbi kwabo basondele kakhulu kuthi—ekubeni abe nokonakalisa aphuthise intando kaThixo ngobomi bethu. Sifanele ukuba nombulelo kuba singashiywanga ukuba silwe la madabi ngokwethu. ILizwi likaThixo liyibekile imithetho-siseko yolwalamano lwethu. Isithembiso saKhe sokusinika ubulumko *(Yakobi1:5)* sinabela kulwalamano lwethu. Njengoko wayenoYosefu, uthembisa ukubanathi xa ulwalamano lwethu luxakile.

Cinga ngesithembiso sikaThixo kuYakobi 1:5, uthabathe umzuzwana wokuthandazela ubulumko kulwalamano lwakho. Ungakuzama njani ukuba ukwamkele ukukhuthaza kukaMoya Oyingcwele ngexesha usenza ubudlelane nabanye abantu?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 49 2021/06/14 12:26

Ingcamango Eyongeziweyo: Kwimeko yoko kwenzekayo phakathi kukaYosefu nenkosikazi kaPotifaro, uEllen White wabhala: “Apha sifumana umzekelo kuzo zonke izizukulwana eziya kuphila phezu komhlaba. . . . UThixo uya kuba luncedo ngamaxesha onke, uMoya waKhe ube likhaka. Nangona kujikeleze ezona zikhulu izilingo, likho ithende lamandla anokusetyenziswa ukuze kumelwane nazo. Indlela ekwaba kukhulu ngayo ukuhlaselwa kokuziphatha kukaYosefu! Kwaphuma kwimpembelelo, eyayinako kakhulu ukumtsalela kude. Kwaba nako ukuba kwalelwe ngokukhawuleza nangamandla. . . . UYosefu wayelibeke igama lakhe nakuthandayo ezandleni zikaThixo. Nangona wayekelwa ukuba angcungcutheke okwexeshana, ukumlungiselela ukuba athabathe isikhundla esibalulekileyo, kodwa uThixo walalusa likhuselekile elo gama lalingcoliswe ngummangaleli, kwathi emva koko, ngelaKhe ixesha elifanelekileyo, walenza ukuba liqaqambe. UThixo wenza ukuba nentolongo ibe yindlela yokumphakamisa. Okuhle kuthi ngexesha elifanelekileyo kuzise umvuzo wako. Ikhaka elakhusela intliziyo kaYosefu, yayikukoyika uThixo, okwamenza ukuba athembeke alunge kwinkosi yakhe, anyaniseke kuThixo. Wakudela oko kungabikho kombulelo okwakunako ukumkhokelela ekuphatheni kakubi ukuthenjwa kwakhe yinkosi yakhe, nangona inkosi yakhe yayise nako ukuba ingaze iyazi loo nto.”—Ellen G. White, *The Spirit of Prophecy*, vol. 1, iph. 132.

Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ Ukuzibiza nje ngokuthi ungumKristu okanye ukwaziwa njengoMlindi akusayi kusinceda ukuba sifumane ukuphumla kulwalamano lwethu. Yintoni umahluko phakathi “kokwaziwa” nje ukuba unguMlindi nokuba likholwa elinyanisileyo?

❷ Udade X usanda kungena ebandleni. Umyeni wakhe akakholwa. Yena udade uyamthanda umyeni wakhe, kodwa umyeni akazithandi iinguqulelo azibonayo kuye. Ungamcebisa uthini, ngokwemithetho-siseko yeBhayibhile, lo dade ulilungu elitsha ebandleni lakho?

❸ Umbhali waseRussia uLeo Tolstoy wabhala wathi: “Zonke iintsapho ziyafana; usapho olungenalonwabo alonwabi ngendlela yalo.” Zonke iintsapho, kumgangatho othile, zinengxaki yokungasebenzi kakuhle, kuba zonke zakhiwe ngaboni, elowo esiza nokwakhe ukungasebenzi kakuhle kulwalamano losapho. Singenza njani ukuba elowo nalowo kuthi, ngobabalo lukaThixo, azame ukulandela imithetho-siseko yeBhayibhile yothando, ukuxolela, ukuthwalisana imithwalo, njalo njalo, ukuzisa impiliso kulwalamano lweentsapho zethu.

❹ Abantu abaninzi babe namava okuba izinto zibahambele kakuhle neentsapho zabo kodwa kuthi, ngequbuliso, kungalindelekanga, kuhle intlekele. Ngamaxesha anje, kutheni le nto kubalulekile ukubambelela elukholweni, ukutshela kumadinga aseLizwini likaThixo? Kanti ke, naxa amaxesha elungile, kutheni le nto kubalulekile ukulungela, ngokwasemoyeni, amaxesha amabi?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 50 2021/06/14 12:26